Isalathiso: 20200915-8078
Inombolo yefayili: 3/3/3/1/1
Imibuzo: KwiZiko leeFoni

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0006/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamaziko emfundo

Isihloko: Ukuphunyezwa okulungiselela ukusebenza kweNkqubo yoLawulo loMgangatho (*Quality Management System (QMS)* ukwenzela ootitshala abasezikolweni kumjikelo wohlolo ka-2020

1. Ngokwenjenje uyaziswa ukuba ngenxa yeemeko ezingqonge i-*Covid* 19 kunye nokuqaliswa ngokwezigaba ukubuyiselwa kwabafundi ezikolweni, indlela elungiselela ukusebenza kokuphunyezwa kweNkqubo yoLawulo loMgangatho oHlangeneyo (*Integrated Quality Management System* (*IQMS*)) yomjikelo wovavanyo ka-2020 yamkelwe kwintlanganiso yeBhunga lezeMfundo lezoBudlelwane eMsebenzini (*Education Labour Relations Council),* ebibanjwe nge-03 Septemba 2020.

2. Ukuphunyezwa okulungiselela ukusebenza kwale nkqubo kootitshala abasezikolweni kusekelwe kwisikhokelo esingezantsi:

2.1 Umjikelo wovavanyo wonyaka ka-2020 uyakuphelela ekuhloleni intsebenzo okwenziwa ngutitshala kunye nenqununu kwaye amaxwebhu makangeniswe kwiGqiza i-*Development Support Group* nakuMlawuli weSekethe ukwenzela ukungqinisiswa kwawo.

2.2 Ukuhlolwa kwentsebenzo yootitshala kuya kubonakaliswa okokuqala ngemisebenzi yeKota 1, nge-13 Januwari – ukuya kwi-18 Matshi 2020, kwakunye nemisebenzi eqaliswe emva kokuba kuvulwe izikolo;

2.3 Inqununu neKomiti yokuPhuchulwa kwaBasebenzi (*Staff Development Team*) mabangqinisise ukuchaneka kwamanqaku eziphumo zentsebenzo *(summative scores)* ukwenzela ukuba angeniswe kwi-ofisi yesithili; nokuba

2.4 Umhla wokugqibela wokungenisa onke amaxwebhu e-*IQMS* afunwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni wandisiwe ukuya kwi-11 Disemba 2020. **Ziyacelwa izikolo ukuba**

zibambelele kwiimihla yokungeniswa kwamaxwebhu enikwe zii-ofisi zezithili ukwenzela ukuba kugqitywe zonke iimfuno ezimiselweyo zolawulo phambi kokuba izikolo zivalele ukuphela konyaka.

3. Isikhokelo esingasentla sinokusetyenziswa ngootitshala abanezigulo ezizezinye abanikwe imvume yokusebenzela ekhaya okanye kwindawo ekude neziko lemfundo.

4. Inkqubo yokuhlolwa kwentsebenzo yango-2020 elungiselelwe ukusebenza mayikhokelwe kukwenzela izinto ekuhleni lo gama kuthathelwa ingqalelo imeko-bume engqonde ukufundisa nokufunda esikolweni.

5. Ileta esuka kwiSebe leMfundo esiSiseko, yomhla we-11 Septemba 2020, ngalo mba, iqhotyoshelwe apha ukukwenzela lula.

6. Ukufumana ingcaciso engaphezulu malunga noku kungasentla, wamkelekile ukuba uqhagamshelane naBaququzeleli boMlinganiselo weNtsebenzo (*Performance Measurement coordinators*) besithili kwilisti engezantsi:

Metro Central	Nks Lesley Hutchings	Lesley.Hutchings@westerncape.gov.za
Metro East	Mnu Craig Paulsen	Craig.Paulsen@westerncape.gov.za
Metro North	Mnu Owen Weeder	Owen.Weeder@westerncape.gov.za
Metro South	Nks Sharon Lewin	Sharon.Lewin@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Mnu Bertram Jacobs	Bertram.Jacobs@westerncape.gov.za
West Coast	Nks Janine Adonis	Janine.Adonis@westerncape.gov.za
Eden & Central Karoo	Nks Yolande Damons	Yolande.Damons@westerncape.gov.za
Overberg	Mnu Edward Kies	Edward.Kies@westerncape.gov.za

7. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abasebenzi abaphantsi kolawulo lwakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE: WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2020-09-23